*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Ihlabathi lemilingo likaNkszn Helen*
*(Miss Helen's Magical World)*
Illustrated by Wendy Morison
Written by Jacqui L'Ange
Designed by Nadene Kriel
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in City on Date, listed here: bookdash.org/book-dash-cape-town-august2014/

ISBN: 978-1-928497-71-4

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.







Ndikwazisa umhlobo wam, uHelen. Wazalelwa kwidolophu encinane kwiKaroo ebizwa ngokuba yiNieu Bethesda. Kwakungekho nto ingako yenzekayo kule dolophu. Kodwa yena wenza ihlabathi elipheleleyo apha. Wade wenza nam. Indlu yakhe wayithiya ngam.

IBIZWA NGOKUTHI "THE OWL HOUSE" (INDLU YEZIKHOVA).



Uninzi lwabantakwabo Helen noodadewabo babekhulile futhi sebehambile ngelixa lokufika kwakhe. Kodwa wayesenabo oodadewabo, uAnnie noAlida.

UHelen wayengenabahlobo baninzi apha, kodwa kwakungamkhathazi oko.

**KWASEKUQALENI, UHELEN WAYESENZA IZINTO NGENDLELA EYAHLUKILEYO XA KUTHELEKISWA NABANTU ABANINZI.**



Emva kokuba bendulukile oodadewabo, uHelen wasala yedwa nabazali bakhe. Wayethanda umama wakhe, kodwa emthiyile utata wakhe. Wonke umntu wayevuma ukuba uyindoda engaqhelekanga kakhulu.

Udadewabo omdala uAlida wayekhenketha kulo lonke ihlabathi. Ngenye imini wathumelela uHelen iposikhadi evela eYiphutha.

ENGCINGENI YAKHE UHELEN WABONA INKOSANA NEEPHIRAMIDI KUNYE NEENKAMELA ESANTINI.



Wathi akukhula uHelen, wafunda amabali amaninzi ngeendawo ezikude. Wayithanda ngakumbi imibongo evela ePheshiya kwiMpuma eseMbindini. Ngenye imini waphupha enotyelelo oluya kulwandlekazi.

Wagcina unokrwece kwitafile engasebhedini yakhe, waze wanengcingane ngokungathi uyasiva isandi samaza phakathi kwakhe.



KODWA NGOKUQINISEKILEYO, WAYETHANDA IZIKHOVA NGAPHEZU KWAZO ZONKE EZINYE IZINTO!



UHelen wayezithanda iincwadi namabali kakhulu kangangokuba wenza isigqibo sokuba ngutitshala. Wayeyincutshe nakulo msebenzi. Wasuka wadibana noJohannes Pienaar. Naye wayengutitshala, umbhali nomdlali wemidlalo yeqonga.

WAMQINISEKISA UKUBA UFANELE UKUGCAGCA NAYE.






UHelen noJohannes batshata. Baya kwiidolophu ezininzi ezahluka-hlukileyo, befundisa futhi bedlala imidlalo yeqonga. UHelen wacinga ukuba mhlawumbi kungamlungela ukuqalisa ngosapho, njengoko babenze njalo oodadewabo. Kodwa kwakungazi kuba njalo. Yena nomyeni wakhe babesoloko besilwa.

WATHI AKUGULA KAKHULU UMAMA WAKHE, UHELEN WENZA ISIGQIBO SOKUBA LALIFIKILE IXESHA LOKUBUYELA EKHAYA.



UHelen wayengonwabanga. Umama wakhe wayegula kakhulu, ukanti utata wakhe yena waye nguchiki. Wasuka wakhetha ukuba yedwa. Abantu babecinga ukuba akaqheleki.

Ngobusuku awasweleka ngabo umama wakhe, uHelen waligcina likhanyisa ikhandlela ngasebhedini yakhe ubusuku bonke. Ngoncedo loko kukhanya kuncinane, uHelen wayengaziva eboyika kangako ubumnyama.



KWAYE KHUMBULA, THINA ZIKHOVA SASILAPHO KUNYE NAYE. SASIMGADILE, SIKHWAZA SISITHI WOO-WOO!



UHelen wenza isigqibo sokuba ufuna ukukhanya ebomini bakhe. Waqala ngokutshintsha indawo akuyo.

Kodwa wayedinga abancedisi. Amadoda amathathu alapho, uJonas Adams, uPiet van der Merwe noKoos Malgas, benza izinto awayezicinga ngeengcingo nangesamente.

Wazalisa isitiya sakhe emva kwendlu ngezidalwa ezazitsala umdla. Kwakukho abantu abanemizimba yeengonyama neenkamela, oomamlambo neekati. Kwakukho inqwaba yezikhova! Wayesithi yiyadi yakhe yeenkamela. Ecingweni wenza uphawu olungumbhalo ngocingo.

LWALUSITHI:

*"This is my world"* *(Eli lihlabathi lam).*





Emini uHelen wayesenza imikrolo. Wayephinda aqokelele iiglasi nezipili, amakhandlela nezibane.

Nayiphi na into enokukhazimla. Wayebeka iilanteni egumbini ngalinye. Izipili zazifunxa ukukhanya ezaziphinda zikhanyise ngako. Wagquma iindonga ngeentwana zeglasi ukuze iindonga zimenyezele nazo.

Emva kokusweleka kukatata kaHelen, indlu yaba yeyakhe. Ngobusuku ngabunye wayetshintsha alale kwelinye igumbi.

WAYESOLOKO EKHETHA ELIMBONISA NGOKUTHE GCAA INYANGA NEENKWENKWEZI.

Abantu baseNieu Bethesda xa begqitha kwisitiya sikaHelen babebuka izidalwa ezikuso.

Abanye abantwana baselalini babemzisela iibhotile zeglasi ukwenzela imikrolo yakhe futhi babembiza ngokuthi "Nkszn Helen". Wayesoloko ebabulela ngeelekese. Kodwa abanye babengenabubele. Babemnike amagama okumenyelisa bephosa namatye phezu kophahla lwendlu yakhe.

UNkszn Helen wayechitha yonke imali yakhe ethenga iglasi nesamente. Wayephila ngesonka neti emnyama.

KWIDAYARI YAKHE WAYEBHALE WATHI: "PHAKATHI KWESITHUKUTHEZI SAM NDONWABILE."





# ISITIYA SAKHULA, SAKHULA, KWADE AKWABIKHO SITHUBA SISHIYEKILEYO SOKUBEKA EZINYE IZIDALWA.

UNkszn Helen waqalwa kukudinwa. Izandla zakhe zaba neenkantsi zabuhlungu. Amehlo akhe ayengasaboni kakuhle ngenxa yokusebenza ngamasuntswana amancinane eglasi.

Wayengakoyiki ukuba yedwa, kodwa wayesaboyika ubumnyama. Kanti ihlabathi lakhe laqala ukuba mfiliba laya ngokuba mfiliba. Wayesazi ukuba kungekudala wayengazi kubona kwanto.



Kodwa wathi xa evala amehlo akhe kwilixa lokugqibela, uNkszn Helen akabona bumnyama. Wabona ilanga nenyanga neenkwenkwezi. Wabona amadoda azizilumko noomamlambo, iinkamela neekati, abantu abanemizimba ethambileyo nezikhova ezinamehlo eglasi amakhulu antsundu namenyezelayo.



KALOKU NANAMHLA OKU SISEMI APHA, NJE NGENDLELA AWAYESISHIYE NGAYO, ESITIYENI AWASENZAYO, ESIJONGE EMPUMALANGA.

